

Ukwenza Into Engacingekiyo



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Isa. 50:4–10, Isa. 52:13–53:12, Isa. 53:3–9, Isa. 53:10–12.

Indima Yenkumbulo:

“Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwakhe; siphiliswe ngemivumbo yakhe” (Isaya 53:5).

ULough Fook, umKristu waseChina, wasuswa yimfesane ngakwabo bezwe lakubo ababa ngamakhoboka kwimigodi yaseAfrika. Wafuna ukubanika ithemba leendaba ezilungileyo, kodwa wayeza kuthini ukuze afike kubo? Isisombululo sakhe saba kukuzithengisa okwesithuba seminyaka emihlanu elikhoboka. Wasiwa eDemerare, apho wasebenza nzima emigodini ebaxelela abasebenzi bakubo ngoYesu. ULough Fook wafa, kodwa sekukhululwe ama-200 abantu ekusweleni ithemba ngokwamkela uYesu njengoMsindisi wabo.

Ukuzincama okulolo hlobo ukuze kulungelwe abanye! Umzekelo omhla kanjani wona! Ngokwenza okungacingekiyo, oko kukuthi, ngokuthobeka “uthabathe imo yekhoboka” (Filipu 2:7), uYesu, naYe, wafikelela kwabangafikelelekiyo—wena nam nalo lonke ihlabathi sikekelele silahlekile kwintshabalalo yesono. Kule veki siza kubona esi siganeko singakholelekiyo esaxelwa kumakhulu eminyaka ngaphambi kokuba senzeke.

**Funda isifundo sale veki ulungiselala iSabatha kaMatshi 6.*

Inyaniso KaIsaya Evavanyayo (Isa. 50:4–10)

Ukuba ulsaya wayezimisele ukuzisa nje ulwazi, wayengabeka zonke iinkcukacha ezingoMesiya ngaxesha nye. Wathi ukuze afundise, oyise, anike abamphulaphuleyo ukuhlangana nomKhonzi kaYehova, wenza ingubo enkulu yeziganeko ezilandelana okomculo wodidi oluphezulu. Utyhila isigidimi sikaThixo ngamanyathelo ukuze umba ngamnye ube nokubanjwa ngokwayame kolandelayo umfanekiso. Ulsaya ungumzobi olaphu leseiyile lakhe iyintliziyo yalowo uphulaphuleyo.

Funda: Isaya 50:4–10. Shwankathela oko akuthethayo la mazwi. Umbona njani uYesu kule ndawo?

Sifumanise kuIsaya 49:7 ukuba umkhonzi kaThixo udeliwe, uthiyiwe, nokuba u“likhoboka labalawuli” (NRSV) kodwa “ookumkani baya kubona, basuke beme, nabathetheli babone, baqubude” (NRSV). Apha kuIsaya 50, sifunda ukuba intlambo inzulu kakhulu kutitshala onobulali omazwi wakhe axhasa abadiniweyo (Isa. 50:4). Indlela eya kwimpindezelo ikhokelela ekuthubelezeni phantsi kwempatho kakubi yomzimba (Isa. 50:6). Le mpatho-mbi ivakala imbi kwabanye bethu kwinkcubeko yaseNtshona yexesha langoku. Kanti ke, kwinkcubeko yeMpuma Ekufuphi, imbeko yayingumcimbi wokufa nokuphila emntwini nakwiqela lakhe. Ukuba uthuke waphatha kakubi umntu onje, kuhle ukuba ukhuseleke kakhulu; ukuba bafumene nje ithutyana, ixhoba nohlanga lwalo luya kuziphindezela ngokuqinisekileyo. Ukumkani uDavide wahlasela woyisa ilizwe lika-Ammon (2 Samuweli 10:1–12) kuba ukumkani walo “wabathabatha abakhonzi bakaDavide, wabaguya elinye icala leendevu zabo, wazicanda phakathi iingubo zabo ezinde, wada waya kuma ngemisekela, wabandulula ke (2 Sam. 10:4). Kanti ke, kuIsaya 50, abantu bambetha umkhonzi bamxhwitha kabuhlungu uboya ezindeveni zakhe, bamtshicela. Yintoni eyenza ukuba ezi zenzo zibe sisiganeko esingundaba-mlonyeni kumhlaba wonke yile yokuba eli xhoba lalingumkhonzi kaKumkani wookumkani wasezulwini. Ngoko ke, sithelekisa ulsaya 9:6, 7 noIsaya 11:1–16 nezinye iindawo ezingo“mkhonzi”, sifumanisa ukuba umkhonzi nguKumkani, uMhlanguli oligorha! Uthi kodwa enawo wonke la mandla nale ntlonipheko, ngesizathu ekunzima ukusicinga, angazisindisi! Le nto imangalisa kangangokuba kunzima ukuba abantu bayikholelwe. Emnqamlezweni kaKristu, iinkokeli zamguculela, zisithi: “Wabasindisa abanye, makazisindise, ukuba lo unguye uMesiya kaThixo, onyuliweyo nguYe!” (Luka 23:35, NRSV) “Makehle kalokunje emnqamlezweni, sokholwa nguye” (Mat. 27:42, NRSV).

Funda ezi ndima kuIsaya 50:4–10. Bhala phantsi imithetho-siseko yasemoyeni eboniswe apha emelwe ukusetyenziswa kobethu ubomi. Zikhangele ngokukhanya koludwe olwenzileyo. Zeziphi iinkalo onokuzenza ngcono? Ukuba utyhafisiwe, qhubeka nokufunda kude kuphele iveki.

Umbongo Ngomkhonzi Ova Ubunzima (Isa. 52:13–53:12)

UIsaya 52:13–53:12, waziwa ngokuba “nguMbongo Womkhonzi Ova Ubunzima,” uqinisekisa igama likalsaya nokuba “ngumprofeti weendaba ezilungileyo.” Ngokuhambelana nokutshatshela kweendaba ezilungileyo, lo mbongo uvelele ngaphaya kolunye uncwadi. Nangona uqhiphul’ umbilini ngobufutshane, sonke isaci siqulathie intsingiselo engathethekiyo etyhila umongo womsebenzi ongacingekiyo kaThixo wokusindisa uhlanga olukekelele nolulahleke esonweni. Asilulo “ubisi” Iwelizwi likalsaya olu. Ubalungisile abo bamphulaphulayo ngokukhulisa umongo kaMesiya kususela kwindawo yokuqala yencwadi yakhe. Ekulandeleni ikhondo lilonke lobomi bukaMesiya emhlabeni, umprofeti waqala ngokukhawulwa nokuzalwa kwaKhe (Isa. 7:14), waveza ukuba ungubani ngokuthi ungowomnombo wobukumkani bukaDavide (Isa. 9:6, 7), wanaba kumsebenzi waKhe wokubuyiselwa kukaIsrayeli (Isa. 11:1–16) nolungiselelo lwaKhe olunoxolo lokukhulula kokungekho sikweni nembandezelo (Isa. 42:1–7). Emva koko, ulsaya waveza ukuba umdlalo omhle kakhulu kaMesiya uquka ukwahluka komdlalo wosizi ngaphambi kokuphakanyiswa (Isa. 49:1–12, Isa. 50:6–10). Ngoku, umbongo ngomkhonzi Ova Ubunzima uhla nzulu kwindawo yosizi.

Buyela kuzo zonke iindawo ezidweliswe kule ndawo ingentla. Kuphinde oko zisixelela kona ngoMesiya, uYesu. Zisinceda njani ukuba sizilungiselele oko kuza kuIsaya 52 no-53? Okanye zikwenza oko kwenzeka kuIsaya 52 no-53 kuchukumise ngakumbi?

Isaya 52:13–53:1 uveza umbongo ngesikhokelo esinempikiswano ekhwankqisayo: UmKhonzi uya kuphumelela aze aphakanyiswe, kodwa imbonakalo yaKhe iya konakala ngaphaya kokuba iqondakale. Ngubani oya kuyikholelwa? UIsaya 53:2, 3 uqala ukuhla okubuhlungu ukusuka kwimvelaphi yoMkhonzi nembonakalo nje eqhelekileyo ukuya kusizi nokwaliwa kwaKhe. UIsaya 53:4–6 uyanqumama ukuba achaze ukuba ukubandzeleka kwaKhe ngokwenene kukohlwaywa kwethu, akuthwalayo ukuze kuphile thina. UIsaya 53:7–9 uqhubeka nokuhla ukuya engwabeni koMkhonzi ongenatyala. KuIsaya 53:10–12, umKhonzi unyukela kumvuzo ophakamileyo obonwe kwangaphambili ekuqaleni kombongo oqala kuIsaya 52:13, kukho nembono eyongezweyo yokuba umbingelelo waKhe wokusindisa abanye uyintando kaThixo. Thelekisa lo mbongo nokumila kwe“ntlambo” kaFilipu 2:5–11, apho uYesu aqala kwimo kaThixo kodwa ahle ngokuzibhokoxa kwaKhe ukuba athabathele phezu kwaKhe imo yomntu, ezithoba ahle aye ekufeni, okona kufa kuphantsi: ukufa kwasemngqamlezweni. Ngoko ke, uThixo umphakamisa kakhulu ukuze wonke umntu amvume ukuba uyiNkosi (thelekisa noIsa. 49:7).

Funda: Isaya 52:13–53:12. Bhala phantsi konke okuthethwa ngumbongo asenzele kona uYesu. Gxila kwintsingiselo kuthi yezo zenzo zenziwa ngenxa yethu.

Ngubani na Okholiweyo? (Isa. 52:13–53:12)

KuIsaya 52:13 umKhonzi kaThixo uphakanyiselwe phezulu kakhulu, kodwa ngaphandle kwesilumkiso, indima elandelayo ichaza ukubonakala kwaKhe engenasimo kangangokuba angabi nakuqondwa “ngoonyana babantu.” ITestamente eNtsha izichaza iimeko ezonakalisa imbonakalo kaYesu, eziquka ukutyabulwa, isithsaba sameva, ukubethelelwa emnqamlezweni, kodwa, ngaphezu kwako konke, ukuthwala izono zohlanga loluntu. Isono asizange simiselwe ukuba sibe yindalo yabantu; ukusithwala kwamenza u“Nyana woMntu” ukuba abonakale engengomntu. Lithlekise eli nebali likaYobhi, owathi ngequbuliso wahla kwindawo ukusuka kwindawo yobutyebi obukhulu, imbeko, negunya waya kwinkxwaleko eyoyikekayo yokuhlala eluthuthwini emhlabeni ekrwela izilonda ezibuhlungu ngeqhekeza lesitya somdongwe (Yobhi 1, 2). Umahluko wawumkhulu kakhulu kangangokuba nabahlobo bakhe uYobhi abazange bamqonde kuqala (Yobhi 2:12). Umbuzo uthi: Kutheni ebandzelwe nje uYobhi? Kutheni kufuneka uMesiya kaThixo ebandezelekile? Akukho kubo okufaneleyo. Bobabini abanatyala. Yeyantoni ke?

Funda zonke iindima zanamlanje ubhale phantsi iindawo apho umxholo wembandazelo yabamsulwa endaweni yabanetyala ubonakala khona. Sithini isigidimi esibalulekileyo apho kuthi?

Khangela imibuzo ekuIsaya 53:1. Le mibuzo icinezela umngeni wokukholelwa oko kunganako ukukholelwa (thelekisa noYohane 12:37–41) uze usilumkise ukuba sihlale phantsi lide liphele ibali. Kanti ke, imibuzo ikwathetha nesibheni. Kule ndawo, okuhambelanayo phakathi kwemibuzo emibini kunika into ethi, ingalo/amandla kaYehova okusindisa (thelekisa noIsa. 52:10) ityhiliwe kwabo bakholwayo yingxelo. Ingaba uyafuna na ukuba namava amandla kaThixo asindisayo? Ngoko ke, kholwa yingxelo.

Qwalasela ngocoselelo uIsaya 53:6. Luthini uqobo lwesigidimi apho? Ithini le ndima kuwe, uqobo, okumele ukukunika ithemba nokuba izono zakho zangaphambili nokusilela kwakho kungaba bekungakanani okanye kunjani?

Okungenakufikelelwa Ngaphakathi Kwethu! (Isa. 53:3–9)

Isityalo esinokulimala lula, esingabonakali sinexabiso elingako, esideliweyo (Isa. 53:2, 3)—yinkcazo esiyinikiweyo apha yomKhonzi ova ubunzima. UIsaya ukhawuleze wasizisa kumntu omtsha ongenatyala phezu kwelabafileyo. Sekukho nemvelaphi enikiweyo ngaphambili, asikulungelanga ngendlela ethile ukuba siyekelwe esiphelweni somKhonzi. Ngokuchaseneyo! UIsaya usifundise ukuba simthande umMntwana esizalelwe yena, uKumkani omkhulu woXolo. Abanye bayamdela, kodwa siyamazi ukuba ungubani kanye. Ngokutsho komnye: “Sihlangene notshaba, lwaye lusithi ngokwethu.” Umkhonzi akangowokuqala ukudelwa, aliwe, okanye indoda enembandezelo. Ukumkani uDavide wayezizo zonke ezo zinto xa wayebaleka unyana wakhe uAbhisalom (2 Sam. 15:30). Kanti ke, imbandezelo ethwelwe ngulo mKhonzi asiyiyo eyaKhe yaye ingezizo iziphumo zesono saKhe. Kwaye akayithwalelanga nje omnye umntu; “uYehova wabeka phezu kwakhe ubugwenxa bethu sonke” (Isa. 53:6, NRSV). Impendulo kumbuzo othi, “Kuba kutheni?” ukuze kunikwe inyaniso kaIsaya evavanyayo: Kungenxa yothando lukaThixo, uMesiya waKhe uya kunyula ukubulaleka. Ngokuba kutheni? UIsaya utyhalela “kuviko lwegolide” ukugqibezela inyaniso engacingekiyo: Uya kunyula ukubulaleka ukuze akwazi ukufikelela kwabo bangafikelelekiyo, abo ke bangafikelelekiyo sithi! Abo bangaqondiyo bamthabatha ukuba uMkhonzi u“bethwe nguThixo” (Isa. 53:4, NRSV). Kanye njengabahlobo bakaYobhi ababecinga ukuba isono sakhe sinokuba senze ukubulaleka kwakhe, nanjengokuba abafundi bakaYesu babuza kuYe, “ngubani owonayo, ngulo, ngabazali bakhe sini na, ukuze azalwe eyimfama?” (Yohane 9:2), abo bambonayo uYesu emnqamlezweni bacinga okubi kakhulu. Akazange athi na uMoses “oxhonyiweyo usisiqalekiso kuThixo” (Dut. 21:23; thelekisa noNum. 25:4)?

Kanti ke, konke oku kwakuyintando kaThixo (Isa. 53:10). Kuba kutheni? Ngokuba “uKristu wasihlangula kwisiqalekiso somthetho ngokuthi abe sisiqalekiso ngenxa yethu” (Gal. 3:13, NRSV). Ngenxa yokuba “Lowo ungazani nasono, wamenza isono ngenxa yethu, ukuze thina sibe bubulungisa bukaThixo kuye” (2 Kor. 5:21). “Ixabiso elingako elahlawulelwa thina! Wubone umnqamelezo, neXhoba eliphakanyiswe kuwo. Khangela kwezo zandla, ezahlatywa ngezikhonkwane ezikhohlakeleyo. Khangela ezo nyawo, ezaqiniselwa ngezikhonkwane emthini. UKristu wathwala izono zethu emzimbeni waKhe. Oko kubulaleka, loo ntlungu, ilixabiso lokuhlangukwa kwakho.”—Ellen G. White, *God’s Amazing Grace*, p. 172.

Ubunzima, ityala, isohlwayo ngenxa yezono zalo lonke ihlabathi—sonke isono, sakhe wonke umoni—sawa phezu kukaKristu emnqamlezweni, kwangoko, njengendlela ekuphela kwayo yokusisindisa! Ingaba kusixelela ntoni ngendlela esibi ngayo isono, ukuba ixabiso elingako kufuneke lihlawulwe ukuze sihlangulwe kuso? Ingaba oko kusixelela ntoni ngothando lukaThixo ukuba asenzele oku, kude ube ngexabiso elikhulu kangako?

Umnikelo Wembuyekezo Oguqulayo (Isa. 53:10–12)

Kuthetha ukuthini ukuthi ubomi bomKhonzi “ngumnikelo ngenxa yesono” (Isa. 53:10, NRSV)? Igama lesiHebhere libhekisa ku“mnikelo wetyala/wembuyekezo” (Lev. 5:14–6:7, Lev. 7:1–7), owawukwazi ukucamagushela iziphoso zangabom ngakwabanye abantu (Lev. 6:2, 3). Izone ezinjalo zazisalathwa nguIsaya (Isaya 1–3; Isa. 10:1, 2; Isaya 58). Kwakhona, umoni kufuneka abuyisele kulowo woniweyo loo nto yayithathiwe, kunye nesohlwayo, ngaphambi kokunikela umnikelo wesono ukuze azuze ukuxolelwa kuThixo (Lev. 6:4–7; thelekisa noMat. 5:23, 24). Kwimeko yokusetyenziswa ngendlela engeyiyo kwento eyekaThixo, imbuyekezo iya kuYe (Lev. 5:16). Ngoku, sinako ukumqonda ulsaya 40:2, apho uThixo athuthuzela abantu baKhe abasekuthinjweni ngokubaxelela ukuba bayihlawule ngokwaneleyo imbuyekezo ngenza yezono zabo.

Noko kunjalo, ukulandela imbuyekezo, kufuneka kubekho umbingelelo. Apha kuIsaya 53: umKhonzi kaThixo, endaweni yenkunzi yemvu, ukhokelwa njengegusha eya ekuxhelweni (Isa. 53:7) ngenxa yabantu abalahlekileyo (Isa. 53:6). Nangona “enqanyulwe ezweni labaphilileyo” (Isa. 53:8; thelekisa noDan. 9:26), egqitywe ngokupheleleyo kumbingelelo otshisa ilangatye lethemba lethu, umKhonzi uyaphuma ekufeni, umhlaba ekungabuywayo kuwo, ukuba amkele ukuphakanyiswa, ayibone “inzala yaKhe,” ayandise imihla yaKhe (Isa. 53:10–12).

Khangela indima nganye kwezi zilandelayo. Nganye kuzo isibonisa njani isiseko esinye nesikaIsaya 53?

INd. 32:1, 2 _____

Roma 5:8 _____

Gal. 2:16 _____

Filipu 3:9 _____

Heb. 2:9 _____

1 Pet. 2:24 _____

Ukuba ubani ebengakucela ukuba ushwankathele ngesiqendu esinye iindaba ezilungileyo zikaIsaya 52:13–53:12, ubungabhala ntoni?

Ingcamango Eyongeziweyo:

“UKristu wathwala izono zethu emzimbeni waKhe emthini. . . . Sinokuba siyintoni isono, le nto kungekho mntu unokufa onokusicamagushela? Sinokuba siyintoni isiqalekiso saso xa inguThixo kuphela onokusisusa? Umnqamlezo kaKristu ungqina kumntu wonke ukuba isohlwayo sesono kukufa. . . . O, ingaba kufuneka amandla amakhulu anobugqwirha abamba izimvo zokukwazi ukuziphatha, aziqinise ngakwimvakalelo zikaMoya kaThixo?”—Ellen G. White, *Our High Calling*, p. 44. “Umthetho wolawulo lukaThixo kwakufuneka wenziwe mkhulu ngokufa koNyana kaThixo ekuphela kwamzeleyo. UKristu wathwala ityala lezono zehlabathi. Ukwaneliseka kwethu kufunyanwa kuphela ekuzalweni esenyameni nokufa kukaNyana kaThixo. Wakwazi ukubulaleka, ngenxa yokuba wayexhaswa lizulu. Wakwazi ukunyamezela, ngenxa yokuba wayengenalo nebala lokunganyaniseki okanye lesono. UKristu woyisa endaweni yomntu ngaloo ndlela wathwala ubulungisa besohlwayo. Wazuzela abantu ubomi obungunaphakade, ngexesha wayewuphakamisa umthetho, ekwawenza uzukiseke.”—Ellen G. White, *Selected Messages*, book 1, p. 302.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. UIsaya 53:7–9 uhla aye kwiinzulu zelabafileyo: ukufa nokungcwatywa koMkhonzi. Mangaphi amacala ezi ndima awazalisekayo ekupheleni kobomi bukaYesu? Mat. 26:57–27:60, Marko 14:53–15:46, Luka 22:54–23:53, Yohane 18:12–19:42.
2. Khangela kwizicatshulwa zokugqibela zikaEllen G. White ngokufa kukaKristu okuwenza mkhulu umthetho. Uthetha ukuthini ngoko? Sikufunda njani ukufa kwaKhe njengesiqinisekiso sokuma ngonaphakade komthetho?

Isishwankathelo: Akuba exelile ngokufa, ukwaziwa, nomsebenzi woMhlanguli kaThixo, uIsaya ekugqibeleni uveza eyona ntlekele inkulu kakhulu esinika ithemba: ukufikelela, ukusindisa, nokuphilisa abantu abalahlekileyo, kuquka nathi, uMkhonzi kaThixo, ngokuzithandela, uthwele ukubulaleka nokohlwaywa kwethu.